



Inombolo yefayili: 21/2/5/2/AFRIKAANS HL TRAINING
Isalathiso: 20230824-7455

INGcaciso eMfutshane yeKharithyulam ye-GET: DCG 0010/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharithyulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo beSigaba seSiseko, kwiiNqununu, kwiiNtloko zamaCandelo eZifundo zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

Isihloko: Ukuqaliswa kweProgram ecwangcisiweyo yoLwazi loKubhala noKufunda yesi-Afrikansi uLwimi lweeNkobe esekelwe kuBuchule boKufunda neMiba eNxulumene noko kwiSigaba esiSiseko

1. Ngowama-2019, iSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) lithathe isigqibo sokulandela indlela yokufundiswa koLwimi okugxininisa kwiimfuno zabafundi (*differentiated Language approach*) kuLwimi lweeNkobe ngalunye kwezintathu kwiphondo. Oku kwakusekelwe kwiziphumo zeeMvavanyo zeNkqubo yezeMfundo (*Systemic Tests*) zangowama-2011 ukuya kowama-2019 kwakunye neziphumo zophononongo lwe-*Progress in International Reading Literacy Study* ngowama-2016.
2. Kwenziwe uphando-nzulu ngobuchule bokufunda nemiba enxulumene nako (*science of reading*). Olu phando lukhokelele kwisigqibo sokulandela indlela yokufundisa eyi-*synthetic phonics approach* ekukwahlulwa-hlulwa kwamagama abe zizandi, ukufundisa ukufunda kwiSigaba esiSiseko.
3. Ngowama-2020, iSebe iWCED lidibene ne-*Funda Wand*e yaye ngokubambisana benza iprogram yesi-Afrikansi uLwimi lweeNkobe kwiSigaba esiSiseko. Indlela yokufundisa ekukwahlulwa-hlulwa kwamagama abe zizandi yakhelwe kule program.
4. Iprogram i-*Funda Wand*e ibe yiprogram elingwayo ngawama-2021 kwizikolo ezingama-40 ezifundisa ngesi-Afrikansi uLwimi loKufunda noKufundisa (*LoLT*) nezithe zandiswa zangama-50 ngaphezulu, izikolo ezikule program ilingwayo ngowama-2022.
5. Iprogram i-*Funda Wand*e iya kuqaliswa ngokumana kusongezwa ngokwezigaba kuzo zonke iiklasi kwizikolo ezifundisa ngesi-Afrikansi uLwimi loKufunda noKufundisa (*LoLT*)

kwiSigaba esiSiseko ukususela ngowama-2023 ukuya kowama-2025. Bonke ootitshala beBakala 1 baqeqeshwe ngo-Apreli 2023.

6. Injongo yale program kukomeleza ukufunda nolwazi lokuqonda kwisi-Afrikansi uLwimi lweeNkobe kwiSigaba esiSiseko. Oku kuyinxalenye yesicwangciso sokufunda seNtshona Koloni (Western Cape Strategy) nesicwangciso sobuchule seminyaka emihlanu seSebe i-WCED.
7. Le ngcaciso imfutshane yenzelwe ukwazisa izikolo ukuba bonke ootitshala beBakala 2 baya kufumana uqeqesho yaye iiklasi ziya kuqukwa ekuqalisweni kweprogram ngowama-2024.
8. Ootitshala beBakala 2 baya kuqeqeshwa ukususela ngowe-12 ukuya kowe-14 Disemba 2023. Bonke ootitshala beBakala 2 abafundisa isi-Afrikansi uLwimi lweeNkobe neentloko zamacandelo ezifundo zeSigaba esiSiseko kufuneka baye kuqeqesho.
9. Izithili ziya kuzazisa kwangethuba iinkcukacha neendawo zolu qeqesho.
10. Ukufumana ingcaciso engaphezulu, kucelwa uqhagamshelane noMququzeleli weSigaba esiSiseko wesithili ochaphazelekayo:

Isithili	Umququzeleli	Inombolo yefoni	I-imeyili
<i>Metro North</i>	Jenny Daniels	021 938 3044 084 388 5920	Jennifer.Daniels@westerncape.gov.za
<i>Metro Central</i>	Juanita van der Merwe	021 514 6773 079 944 7536	Juanita.vanderMerwe@westerncape.gov.za
<i>Metro South</i>	Vanessa Randelhoff	021 370 2025 083 309 1383	Vanessa.Randeloff@westerncape.gov.za
<i>Metro East</i>	Marie Engelbrecht	021 900 7191 081 271 1153	Marie.Engelbrecht@westerncape.gov.za
<i>West Coast</i>	Michelle Delpont	021 860 1590 060 508 8305	Michelle.Delpont@westerncape.gov.za
<i>Cape Winelands</i>	Diana Niemand	023 348 4606 083 234 3202	Diana.Niemand@westerncape.gov.za
<i>Overberg</i>	Sandra Cloete	028 214 7378 072 386 8936	Sandra.Cloete@westerncape.gov.za
<i>Eden & Central Karoo</i>	Nelmarie Kriel	044 803 8300 082 374 2961	Cornelie.Kriel@westerncape.gov.za

11. Kucelwa iinqununu ukuba zazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke ootitshala beSigaba esiSiseko neeKomiti zoLawulo zeSikolo kwizikolo zabo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO

UMHLA: 2023-08-29